basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2018**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.**

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 Yinkohliso yokusenza sicinge ukuba sinxibelelana ngokufanelekileyo.√√ (2)

1.1.2. C√/C. Isenzo senzeka calanye asincomeki siyanyembeka.√/ Isenzo senzeka calanye asincomeki siyanyembeka.√ (1)

1.1.3. Kukungabikho kwenethiwekhi.√
Kukuphelelwa yidatha.√ (2)

1.1.4 Ngokuthi ixuthe isidima√√/ixuthe isidima sethu isirhuqe eludakeni.√√ (2)

1.1.5 Ngokuzimela ngazo xa besenza imikhuba okanye izenzo zenkohlakalo ezifana nokugrogrisa abanye, ukulwa nokutshutshisa abanye√√/ Ngokuzimela ngazo xa besenza imikhuba okanye izenzo zenkohlakalo.√√ (2)

1.1.6 Yokuba kongezwa phezu kwezinye izinto ezimbi ezenziwa ngala maqonga.√√ (2)

1.1.7 Luluvo kuba abukho ubungqina obuphathekayo obuxhasa oku kuthethwa sesi sivakalisi.√√ (2)

1.1.8 'Untywile√, uthinjwe.'√ (2)

1.1.9 Yile yokuba ulonwabo lwakhe naye njengamakhoboka eziyobisi, lwaluxhomekeke kula maqonga√√/yile yokuba naye njenga makhoboka eziyobisi, wayengasakwazi ukonwaba ngaphandle kwawo√√/uzifumanisa kunzima ukukwamkela ukuba ngenene uthinjiwe ngumkhwa wamaqonga onxibelelwano njengoko kubanjalo kwixhoba leziyobisi.√√ (2)

1.1.10 Sesokubhala.√√ (2)

1.1.11 Icala elihle lelokuba ayakwazi ukubamanya abantu abanike amathuba okuthabatha inxaxheba bebambisene xa kuyimfuneko kanti elibi lelokuba ayakwazi ukujija ingqondo yomntu engaqondi azibone sele engazazele nto.√√ (2)

1.1.12 Yokucebisa.√ (1)

1.1.13 Ngokuthi abe ngumzekelo wengxaki nesisombululo kumkhwa wokuthinjwa ngamaqonga onxibelelwano.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[24]**

## 1.2 ISICATSHULWA B

1.2.1 Sisibane esikhanyisiweyo√/ iwotshi√

[Nayiphi kwezi.] (1)

1.2.2 Wothukile kuba utweze amehlo√ kunyuke neentshiya,√ ukhamise nje akathethi.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.3 Sisekubeni isikipa sinombhalo othi , 'Do it' abe umnini waso esenza isenzo esingesosenzo abejolise kuso umbhali wesikipa√√/ Sisekubeni umntu ucinga ukuba umbhalo ukhuthaza ukusebenza okanye ukufunda hayi ukulala uqamele kwangale ncwadi ufanele ukuyifunda.√√ (2)

1.2.4 Abantu mabayeke ukudlala ngexesha abamele ukulisebenzisa xa befunda√/Abantu mabalale xa bediniwe kuba kudinisa ngakumbi ukulala etafileni.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
**[6]**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

### QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA ZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Zidlula zonke iindidi zeencwadi ngoncedo kuba zisoloko ziluncedo olukufutshane kakhulu ngenxa yokuba zisoloko zingononca kubaninizo luze uncedo lufumaneke nangaliphi ixesha'. | 1. | Iiselfowuni ziluncedo oluhlala lukho lufumaneka lula kuba abaninizo basoloko beziphethe. |
| 2. | 'Zineendlela zonxibelelwano ezifikelelekayo phakathi kwabantwana nabazali okanye nootitshala. | 2. | ZInxibelelanisa abazali, abafundi nabafundisi-ntsapho. |
| 3. | 'Zisebenziseka lula nakubani ngokwahlukileyo kwiikhompyutha kuba iiselfowuni azinyanzelisi luqeqesho njengekhompyutha kuba umniniyo uzifundela ngokwakhe edlala ngayo kwaye zinobukhaphukhaphu kunazo'. | 3. | Kulula ukuzisebenzisa nakubani kuba zinganyanzelisi luqeqesho kwabazisebenzisayo. |
| 4. | 'Iiselfowuni njengezixhobo zokufunda nokufundisa kuyayitshintsha inkqubo yaseklasini eqhelekileyo yokuthetha nokusebenzisa itshokwe kuphela'. | 4. | Zenza umahluko kwinkqubo yaseklasini eqhelekileyo nekruqulayo ibeyephucukileyo eyenza umdla. |
| 5. | 'Ziyasetyenziswa njengovimba kuba ziyakwazi ukugcina ubungqina bokufundisiweyo nokufundiweyo'. | 5. | Zibubungqina obucacileyo bokufundisiweyo nokufundiweyo kuba zinovimba wokugcina oko kufotiweyo okanye kushicilelweyo. |
| 6. | 'Zibasisixhobo sokuphanda okanye sokuncedisa, ukukhumbula nokuqondisisa ulwazi'. | 6. | Ziyasetyenziswa ngabafundi abenza uphando. |
| 7. | 'Ukusebenzisa i*selfowuni*, kwenza iindonga zeklasi, imida, imilambo ezeleyo ingabisosithintelo kwimfundo kuba iyaqhuba imfundo ingaqhutyelwa kuzo'. | 7. | Ukufundisa ngeselfowuni kwenze ukuba imfundo ibenokuqhutyelwa naphi na. |
| 8. | 'Zihlala gingci endaweni yezichazi-magama iikhaltyhuleyitha, neemephu, ebezisenokuthi kanti azilanelanga nokulanela inani labafundi'. | 8. | Ziluncedo kuba inye isebenza njengesichazi magama ikhaltyhuleyitha nemephu. |

[Naziphi iingongoma ezisixhenxe kwezi.]

**[113 amagama]** **[74 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 SGBL.√ (1)

3.2 ... imveliso.√ (1)

3.3 Ngumntu ophiwayo√ nomntu ophayo.√ (2)

3.4 Kubantu abafuna ukuthengela abantu izipho nabavunyelwa yibhajethi yabo√/ kubantu abaqhele ukusokola xa bekhangela izipho.√ (1)

3.5 Ngeyokuqaqambisa ukuba lo mntu uphiwa isipho unenkululeko yokufumana into ayithandayo kunale ebeza kuyithengelwa√/ngeyokuqaqambisa ukuba lo mntu uphiwa isipho unenxaxheba ayidlalayo ekugqibeni ngesipho asifumanayo√/ ngenjongo yokubonisa ukuba uyazenzela.√ (1)

3.6 Sesokugxininisa/Sesokubethelela ingcinga yokuba akukho nkxamleko angena kuyo umntu.√/kukubonisa ukuba ubunzima obufunyanwa ngumthengi sisisombululo kumthengisi.√ (1)

3.7 C.√ C. Kumthengi wekhadi√/kumthengi wekhadi.√ (1)

3.8 Siphumelele kuba sindinike indlela elula yokuthengela abantu izipho√√/ senza ukuba ndingaxhamleki ndikhangelela umntu isipho endingaqinisekanga ukuba uza kusithanda.√√

Okanye

Asiphumelelanga kuba akukho bungqina bokuba akhuselekile amakhadi kumarhamncwa eli lizwe nanjengoko isibhengezo singatshongo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2) **[10]**

## UMBUZO 4

4.1 Kukuba sibhabha emoyeni√/kukuba amavili akathanga nca endleleni.√ (1)

4.2 Sisinxibo √/incwadana esetyenziswa ngamagosa endlela√/isenzo sokumisa imoto √/ulwimi alusebenzisayo xa ethetha nomqhubi√/umnqwazi nesitampu/ibheji esemnqwazini√/isithuthuthu√/isithuthi√/isikuta.√

[Nayiphi kwezi.] (1)

4.3 C√/C ongaziqondiyo ukuba waphule umthetho √/ongaziqondiyo ukuba waphule umthetho.√ (1)

4.4 Udanile√/utyhafile√/ umangalisiwe√/wothukile√/udikiwe.√ (1)

4.5 UFrikkie ubhekisa kwimeko yokubacingela abanye abantu uze ubalungiselele√ kanti uLizo ubhekisa kwiinkumbulo yiyo le nto athetha ngentokazi yakhe yena.√ (2)

4.6 Kwisakhelo sesi-3 ukhuphe amehlo okwegagu kanti kwesinye esi ubuwavala amehlo okomntu ophethwe ziinkumbulo.√√ (2)

4.7 Uyaphoxisa ngabom kuba akukho nto idibanisa iintokazi ekuqhutyweni kweemoto koko yena ufumene nje icebo lokuzikhusela.√√

Okanye

Unyanisekile kuba umbuzo lo unobumbolombini kungalula ke ngoko ukunika le mpendulo xa ukufikele ucinga kakade.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

## UMBUZO 5

5.1 5.1.1 B √/B Lisisimnini√/lisisimnini.√ (1)

5.1.2 ... uLuvo Manyonga uza kumisela/uya kumisela/ uzomisela ngokusesikweni itumente yezemidlalo ... √√ (2)

5.1.3 Yeyokususwa kwimeko ethile ngeenjongo zokukusindisa√√/ ukuncedwa ngumntu xa usebunzimeni√√/ ukukhutshwa ebubini.√√ (2)

5.1.4 UManyonga uthe mabenze√uncedo kwiindawo abavela √kuzo. (2)

5.1.5 Isidingo√/Ukudinga√/uMdingi√
Isidingo selali yethu saziwa sithi√/ukudinga kwenza umntu azibone engakhathalelekanga.√

(Xa umviwa enike isivakalisi esinesibizo esisetyenzisiwe ngokuchanekileyo makanikwe amanqaku amabini)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.1.6 Isisekelo√/isivumelanisi sentloko.√ (2)

5.1.7 (a) kukufanisa.√ (1)
(b) Yeyokuba uManyonga ukwinqanaba lelizwe.√√ (2)

5.2 5.2.1 Ndiyazi ukuba ndingakuxelela njani oku.√ (1)

5.2.2

| IGATYA ELIYINTLOKO | ISIHLANGANISI | IGATYA ELINTANGANYE |
|---|---|---|
| UBra Stix uyiyekisiweyo ibhola ekhatywayo.√ | kodwa√ | Ugqirha umfumanise enoxinzelelo.√ |

(3)

5.2.3 Ugqirha unosizi ngoBra Stix.√/ Ugqirha ulusizi ngoBra Stix.√ (1)

5.2.4 M-h!√ (1)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**